



UNksk. Angie  
Motshetka,  
uMphathiswa  
wemfundo esisiseko



UMnu. Enver Suryt,  
uSekela Mphathiswa  
wemfundo esisiseko

Ezi ncwadi zilungiselelw abantwana baseMzantsi Afrika phantsi kwephiko loMphathiswa weMfundu esisiseko uNksk. Angie Motshetka kune noSekela Mphathiswa weMfundu esisiseko uMnu. Enver Suryt.

Ezi ncwadi zokusebenzela, iRainbow Workbooks. lelinye lamalinge ongenelelo eSebe leMfundu esisiseko ajolise ekuphuculen umgangatho wabafundi beloMzantsi Afrika abakumabanga amathandathu okuqala. Njengomnye wemiba ephambili yoMkhomba-ndlela kaRhulumente, eli phulo libe nempumelelo ngenxa yenksaso-mali evela kuVimba weSizwe. Oku kuye kwenza ukuba eSebe likwazi ukuelisa ezi ncwadi, zifumaneka ngazo zonke iilwimi ezisemthethweni ngexabiso eliphantsi.

Sinethemba lokuba ootitshala bay a kuzifumana ezi ncwadi zokusebenzela ziluncedo kakhulu kwimfundu yemihla ngemihla, nasekuqinisekiseni ukuba abafundi bayifikelela yonke ikharityhulam. Ukuqinisekisa ukuba utitshala uyakhokelwa kuyo yonke imisetyenzana, sisebenzise izalathisi ezibonisa oko kufanele ukwenziwa ngumfundu.

Sinethemba lokwenene lokuba abantwana bay a kukonwabela ukusebenza kwezi ncwadi ekukhuleni nasekufundeni kwabo, kwanokuba nawe titshala uya kwabelana nabo kolu yolo.

Sinqwenela ukuba nibe nempumelelo ekusebenziseni ezi ncwadi.

### Ukufunda ngeMgaqo-siseko weRiphablikhi yoMzantsi Afrika (1996)

Umgaqo-siseko weli loMzantsi Afrika (1996) uquelethe eyona mithetho yongameleyo yeli lizwe. Le mithetho ingaphezulu komongameli welizwe, ngaphezulu kweenkundla zamatyala nangaphezulu kukanhulumente.

Le mithetho ichaza indlela abemi beli lizwe abafanele ukuphathana ngayo, nokuba ayintoni amalungelo noxanduva lwabo omnye komnye. Umgaqo-siseko welizwe ukho ukuze usikhusele ngalo mzuzu kwaye ukhusel nabantwana bethu kwixesha elizayo.

**Masiyazi  
imvelaphi  
yethu.**

**Masingaphindi  
iimpazamo zexesha  
elidlulileyo.**

**Umgaqo-siseko wethu uyasineda  
ukuze sakhe ingomso elingcono  
lomntu wonke.**

Thina, bantu boMzantsi Afrika, Siyaziqonda iimeko zolwaphulo-bulungisa zamaxesha ethu adlulileyo; Sibanika imbeko abo beva ubunzima bebulalekela ubulungisa nenkululeko elizweni lethu; Siyabahlonela abo bathi basebenzela ukwakha nokuphuhlisa ilizwe lethu; kwaye Sikholelwa ekubeni uMzantsi Afrika ngowethu sisonke thina sihlala kuwo, simanyene nangani siziintloblo ngeentloblo.

Thina ke ngoko, ngabameli bethu abanyulwe ngokukhululekileyo, siyawuvuma lo mGaqo-siseko ukuba ungowona mthetho wongameleyo weRiphablikhi ukuze—

Ungice udibanez izantlukwano zangaphambili uze wakhe uluntu olusekwe kwizithethe ezibabekileyo zedemokhrasi, ubulungisa kwezentlalo namalungelo abantu asisiseko;

Wenze isiseko soluntu oluphila ngendlela yedemokhrasi nolwenza izinto elubala aphi urhulumente asekewle kwintando yabantu nalapho wonke ummi ekhuselwe ngokulinganayo ngumthetho;

Uphucule ixabiso lokuphila kwabo bonke abemi, uze uvumele ukusebenza kwasakhono somntu ngamnye; kanjalo

Wakhe uMzantsi Afrika omanyeneyo nonedemokhrasi onakho ukuthabatha indawo yawo efanelekileyo njengelizwe elinobunganga kusapho lwezizwe ngezizwe.

**Wabange amalungelo akho njengommi  
weli loMzantsi Afrika kwaye nawe  
uluthathelle kuwe uxanduva lokukhusela  
amalungelo abanye.**

**Wazi amalungelo  
akho noxanduva  
lwakho.**

Wanga uThixo angabakhusela abantu bakokwethu.

Nkosi Sikele' iAfrika. Morena boloka setjhaba sa heso.

God seën Suid-Afrika. God bless South Africa.

Mudzimu fhatutshedza Afurika. Hosi katekisa Afrika.

ISBN 978-1-4315-0243-1



9 781431 502431

**Rainbow  
WORKBOOKS**

LIFE SKILLS IN ISIXHOSA  
GRADE 1 – BOOK 2  
TERMS 3 & 4

ISBN 978-1-4315-0243-1  
**THIS BOOK MAY  
NOT BE SOLD.**

Ihlaziwe yaze  
yalungelelaniswa  
neCAPS

## Ibanga loku-



# Izakhono zoBomi ngesiXHOSA Incwadi yesi-2 Ikota 3 & 4


Igama:

Iklasi:



**basic education**

Department:  
Basic Education  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA



## Iziqulatho

### Ikota yesi-3 Iphepha

- (33) lindawo zasekuhlaleni ..... 2  
 (34) Ukukhathalela iindawo eziluncedo ekuhlaleni ..... 4  
 (35) Ilungile okanye ayilunganga? ..... 6  
 (36) Abantu basekuhlaleni ..... 8  
 (37) Izilwanyana esizigcina njengezilo-qabane ..... 10  
 (38) Indlela yokukhathalela izilo-qabane ..... 12  
 (39) Isimilo kune noxanduva ..... 14  
 (40) Isimilo kune noxanduva ..... 16  
 (41) Sizifunela ntoni izityalo ..... 18  
 (42) Indlela ezikhangeleka ngayo izityalo ..... 20  
 (43) limbewu nalapho zivela khona ..... 22  
 (44) Okunfunwa zizityalo ukuze zikhule ..... 24  
 (45) Ukutya esikutyayo ..... 26  
 (46) Zivela phi iindidi zokutya? ..... 28  
 (47) Ukutya okunempilo nokungenampilo ..... 30  
 (48) Ukugcina ukutya ..... 32




Published by the Department of Basic Education  
222 Struben Street  
Pretoria  
South Africa

© Department of Basic Education  
Fifth edition 2015

ISBN 978-1-4315-0243-1

This book may not be sold.

The Department of Basic Education has made every effort to trace copyright holders but if any have been inadvertently overlooked the Department will be pleased to make the necessary arrangements at the first opportunity.



### Ikota yesi-4 Iphepha

- (49) lindidi zezindlu (1) ..... 34  
 (50) lindidi zezindlu (2) ..... 36  
 (51) Izinto ezakhiwe ngazo izindlu ezahlukeneyo ..... 38  
 (52) Izindlu nemozulu ..... 40  
 (53) Singazifumana phi? (1) ..... 42  
 (54) Singazifumana phi? (2) ..... 44  
 (55) Ukufumana indlela ..... 46  
 (56) Ukufumana iziganeko ebalini ..... 48  
 (57) Ukusetyenziswa kwamanzi: ekhaya nasesikolweni ..... 50  
 (58) Siwamosha njani amanzi? ..... 52  
 (59) Amanzi aselwayo akhuselekileyo nangakhuselekanga ..... 54  
 (60) Masigcine amanzi ecocekile ..... 56  
 (61) Uktshintsha kwemini ibe bubusuku ..... 58  
 (62) Sinjani isibhakabhaka ebusuku? ..... 60  
 (63) llanga nenyanga ..... 62  
 (64) linkwenkwezi ..... 63



## Iintsuku ezibalulekileyo zika-2015

### EyoMqungu

- 1 Unyaka Omtsha
- 31 Usuku IwaBantwana abangenamakhaya



### EyoMdumba

- 2 USuku lukaZwelonke LwemiHlaba enaManzi
- 14 Usuku lukaValentina Ongcwele



### EkaTshazimpuzi

- 3 IPasika
- 4-11 IPasika
- 5 IPasika
- 6 Usuku IweeNtsapho
- 7 Usuku IweHlabathi IwezeMpilo
- 22 Usuku IweHlabathi jikelele loMhlaba
- 27 Usuku IweNkululeko

### EyeKhala

- 17 Usuku Iwe-Eid-Ul-Fitr (ukuphela kweRamadan)
- 18 Usuku IweHlabathi lukaNelson Mandela
- 30 Usuku IweHlabathi jikelele lobuhlobo

### EyeThupha

- 9 Usuku IwamaBhinqa/ Iwabasetyhini
- 13 Usuku IweHlabathi jikelele Iwamanxele



### EyeDwarha

- 2 Usuku IweHlabathi jikelele oluchasa ubundlobongela
- 5 Usuku IweHlabathi looTitshala
- 11 Usuku IweHlabathi jikelele Iwabantwana abangamantombazana
- 14 Unyaka Omtsha wama-Islam
- 15 Usuku IweHlabathi jikelele loomama basemaphandleni
- 16 Usuku IweHlabathi lokutya

### EyeNkanga

- 11 IDiiali
- 12 Unyaka (Omtsha /2072)
- 20 Usuku Iwabantwana jikelele

### EyoMsintsi

- 13-15 IRosh Hashanah
- 21 Usuku IweHlabathi jikelele loXolo
- 23 Usuku IweYom Kippur
- 24 Usuku IweNkubeko nemvelaphi



### EyoMnga

- 1 Usuku IweHlabathi Iwesifo uGawulayo
- 3 Usuku IweHlabathi jikelele Iwabantu abakhubazekileyo
- 5-14 Usuku IweChanukah
- 16 Usuku loXolelwaniiso
- 25 Usuku IweKrisimesi
- 26 Usuku IweNzondelelo



Iholide kaZwelonke yeloMzantsi Afrika:

Usuku olubalulekileyo lokukhumbu amaJuda:


Usuku olubalulekileyo lokukhumbu ama-Islam:

Usuku olubalulekileyo lokukhumbu ama Bahá'í:

Iintsuku zeHlabathi jikele zaMazwe Amanyeneyo:

# Ibanga loku-

1



Izakhono zoBomi

NGESIXHOSA  
Incwadi yesi-2



Le ncwadi yeka-:






# 33 lindawo zasekuhlaleni

Ikota 3 - I'veki I

Cinga ngabo bonke  
abantu obabonayo  
nothetha nabo  
yonke imihla –  
aba ngabantu  
basekuhlaleni.  
Ingangabantu  
abahlala kwisitalato  
ohlala kuso  
okanye abahlala  
kufuphi nakowenu.  
Ingangabantu  
abakhonza nawe  
ecaweni okanye  
abasesikolweni sakho,  
amapolisa akwiningqi  
yakho, oogqirha  
nabanye abaninzi.

Masifunde



Masithethe

Thetha nomhlobo wakho ngemifanekiso ekula maphepha mabini.  
Zeziphi iindawo ozaziyo kulo mfanekiso?  
Zeziphi iindawo kwezi abahlanganelo kuzo abantu?



Masenze

Umhla: .....

Zeziphi iindawo ezikulo mfanekiso ungezantsi owakhe wazindwendwela? Treyisa imiphandle yazo ngeekhrayoni.



Masithethethe

Xelela umhlobo wakho ukuba ngaba ezi ndawo uzityelele nomnye umntu na okanye wedwa. Bekutheni ukuze uzityelele?

Ucinga ukuba iindawo okhe wazityelela zingandwendwelwa lula ngabantu abakhubazekileyo?

Teacher:	Sign:
Date:	

# 34 Ukukhathalela iindawo eziluncedo ekuhlaleni

Ikota 3 - Iyeki I




Masithetho

Iindawo ezisekuhlaleni zineendidi ezahlukeneyo zezinto eziluncedo ezinokusetyenziswa nguye wonke ubani. Tikkliniki, izikolo, amabala emidlalo nezibhedlele zizibonelelo esizisebenzisa sonke.

Sifanele ukuziphatha kakuhle zonke izibonelelo ezikwiindawo esihlala kuzo.

Kwakhona kufuneka sigcine indawo esingqongileyo icocekile ukuze wonke ubani ayonwabele.



Masithetho

Thetha nomhlobo wakho ngalo mfanekiso:

- Ucinga ukuba abantu bayakuthanda ukuhlala apha?
- Kutheni ucinga njalo nje?
- Ingaphuculwa njani indawo ohlala kuyo wena?

Umhla: .....



### Masenze

Zoba umfanekiso wakho onemibala usebenzisa isithuthi sikawonke-wonke esifana nololiwe, ibhasi okanye itekisi. Bonisa zonke iindidi zabantu okhwele nabo nezinto abazenzayo. Abanye bahleli bathe nkqo, abanye bagobile abanye baqethukile balele, abanye bakhulu abanye bancinci.




### Masishukume



### Masizifudumeze

- Zifudumeze ngokuhamba uye phambili ngeenzwane.
- Ngoku hamba ubuye umva ngezithende.
- Yiya phambili uhambe ngezithende.
- Buya umva uhambe ngeenzwane.



### Yenza oonobumba

Yenza oku nomhlobo wakho. Sebenzisani imizimba yenu nenze oonobumba. Ningema, nayame ngodonga okanye nilale phantsi.

Khanikhangele ukuba wena nomhlobo wakho aninakwenza unobumba ongenakwenziwa ngomnye umntu na.




Teacher:
Sign:
Date:



# Ilungile okanye ayilunganga?

Jonga le mifanekiso.

Zibonelelo zantoni ezi? Xeleta umhlobo wakho indlela elungileyo yokusebenzisa isibonelelo ngasinye.





## Masenze

Yakha umfuziselo  
wesakhiwo usebenzise  
izinto ezinokuhlaziya.  
Ungakha ikllinikhi, ilayibrari  
okanye nasiphi na isakhiwo  
esikwindawo yakho.  
Hombisa isakhiwo sakho  
ubonise ukuba sesiphi  
esi sakhiwo usakhileyo.  
Ningasebenza kunge  
ningamaqela.



## Masishukume

- Lungisa amavili ame enze imiqolo.
- Khasa uphumele kula mavili.
- Lalisa amavili phantsi.
- Yima ngemilenze yakho yomibini phezu kwevili.
- Ngoku yima ngomlenze omnye evilini.
- Sebenzisa amavili ukuze wenze eminye imidlalo yeentshukumo.

**Qaphela ukuze ungazenzakalisi.**



Teacher:
Sign:
Date:

# Abantu basekuhlaleni

Ikota 3 – Iweki 2



Masibhale

Jonga le mifanekiso. Kwiibhokisi ezingasekunene khetha igama elichanekileyo lomfanekiso ngamnye. Libhale phantsi kwaloo mfanekiso.



Umthi wepetroli

Umrhengisi  
weentyatyambo

Umongikazi



Umqhubi wetekisi

Igosa lezendlela

Ugqirha



Umrhengisi  
weziqhamo

Umcimimlilo

Ipolisa



Masithetho

Jonga imifanekiso oyithiye amagama uze uthetho ngayo nomhlobo wakho.

Ingaba ukhe ubabone aba bantu kwindawo ohlala kuyo?

Ngubani omnye umntu ombonayo wendawo ohlala kuyo?

Ingaba abantu ohlala phakathi kwabo bayancedana? Benza ntoni?



Masibhale

Krwela umgca osuka ekuqaleni kwesivakalisi ngasinye  
esingasekhohlo uye kumagama ahambelana naso angasekunene.

Umhla:



Umcimi-mlilo

Ilungu leNkonzo yamaPolisa eloMzantsi  
Afrika

Ugqirha

Umthengisi weziqhamo

Umthi wepetroli

ubamba izaphuli-mthetho.

uthengisa iziqhamo.

ugalela ipetroli ezimotweni.

ucima umlilo.

uyasiphilisa.




Masibhale

Jonga le mifanekiso. Kumagama angasezantsi khetha inkcazelo  
echanekileyo yomfanekiso ngamnye. Yibhale phantsi komfanekiso  
ngamnye. Thelekisa iimpendulo zakho kunye nezo zomhlobo wakho.

Inqwelo yabacimi-mlilo



Igaraji yepetrolu



Isibhedlele



Isikhululu samapolisa



Masishukume

Qhwaba ngokwesinqisho  
osivayo.

- Mamela kakuhle xa sitshintsha isingqisho.
- Kwenze oku ngeentlobo zomculo ezahluka-hlukeneoyo, ukususela kowamandulo ukuya kowekwayito.
- Qhwaba ngokukhawuleza okanye ngokucotha ugcine isingqisho.

Inqaku likatitshala:  
Mamela umculo kunye nesinqi esidhalwa ngutitshala.



Teacher: \_\_\_\_\_  
 Sign: \_\_\_\_\_  
 Date: \_\_\_\_\_

# Izilwanyana esizigcina njengezilo-qabane



Masifunde

Abaninzi bethu banezilo-qabane. Isilo-qabane sakho sisihlobo sakho esisilwanyana. Usijonga ngononophelo kwaye sihlala sisondele kakhulu kuwe – mhlawumbi endlwini ohlala kuyo okanye kwishedi eyodwa eseyadini.



Masithethe

Jonga emfanekisweni. Thetha nomhlobo wakho ngomfanekiso lowo. Sebenzisa ikhrayoni ubiyele zonke izilwanyana ezithandwa emakhaya ozibonayo. Zingaphi onokuzibala? Xelela utisthala wakho.

- Unaso isilo-qabane? Ukuba unaso, xelela umhlobo wakho ngaso.
- Ukuba akunaso, xelela umhlobo wakho ukuba sesiphi isilo-qabane onqwenela ukuba naso. Okanye kutheni ungafuni ukuba nesilo-qabane nje.



Masibhale

Iklasi mayenze uludwe lwazo zonke iintlobo zezilwanyana ezithandwa ekhaya ongaziboniyo emfanekisweni. Khuphela apha okubhalwa ngutitshala ebhodini.



Masenze

Zoba nokuba sesiphi  
na isilo-qabane  
osithandayo.





Masishukume

Ziqhelise ukuphosa nokubamba ibhola.

- Phosa ibhola yentenetya phezulu ngezandla zozibini. Yibambe ngezandla zozibini.
- Ngoku yiphosele emoyeni ngesandla esinye uphinde uyigange kwakhona kwangeso sandla.
- Yiphosele emoyeni ke ngoku ngesandla ongasisebenzisiyo uze uyigange kwangaso.
- Qakathisa ibhola yentenetya emhlaben'i ngazo zozibini izandla uze uphinde uyibambe ngezandla zozibini.
- Yiqakathise ngesandla esinye uphinde uyibambe kwangeso sandla.
- Yiqakathise ngesinye isandla uphinde uyibambe kwangeso sandla.
- Yimani ngesangqa umntu agqithisele ibhola ngezandla zozibini emntwini osecaleni kwakhe.
- Gqithisela ibhola emntwini osecaleni kwakho usebenzise isandla esinye.
- Sebenzisa esinye isandla sakho uze ugqithisele ibhola emntwini osecaleni kwakho okwelinye icala.

### Ubusazi na?

Phantse zonke izinja ziakuthanda ukudlala ngebhola. Kodwa kufuneka ukhawuleze kuba izinja ziayathanda ukuyibamba ibhola ze zibaleke nayo.



Teacher: \_\_\_\_\_  
Sign: \_\_\_\_\_  
Date: \_\_\_\_\_

# Indlela yokukhathalela izilo-qabane



Masithetho

Kubalulekile ukuba sizikhathalele izilo-qabane zethu.

Thetha nomhlobo wakho malunga nokufunwa zizilo-qabane. Yiba ngathi usisilo-qabane esizotywe ngumhlobo wakho kwiphepha le-II. Cinga ngento onokuyifuna. Ungacinga ngezinto ezifana nokutya nendawo yokulala. Xeleta umhlobo wakho. Thetha nangento afanele ukuyenza ukuba uye wagula.



Masibhale

Fakela uphawu (✓) ecaleni kwento nganye efunwa sisilo-qabane.

Ukutya

Amanzi

Intlama yamazinyo

Indawo eshushu neyomileyo yokulala

Ugqirha wezilwanyana xa sigula

Iholide



Masenze

Zoba izindlu kunye nokutya okufunwa zezi zilwanyana. Bhala ke ngoku igama esilithiya abantwana bazo.

Isilwanyana	Ukutya	Igama lomntwana
		<hr/>
		<hr/>
		<hr/>

Umhla: .....



Masenze

Funda isivakalisi ngasinye uze ucinge ngendlela obuya kuziva ngayo nento obuya kuyithetha uyenze. Bonisa iklasi ke ngoku. Utitshala wakho uza kukuxelela ukuba wenze eyiphi.

- Uzifunele isilo-qabane esitsha.
- Ikatи yakho ilahlekile.
- Inja yakho itye into yakho yokudlala oyithandayo.
- Umhlobo wakho ukorhola inja.
- Ubona inja etshixelwe emotweni.



Masishukume

Mamela izingqi ezahlukeneyo eziza kudlalwa ngutitshala wakho. Yenza ngathi usisilwanyana esilandela isingqi somculo.

Xa umculo ukhawuleza,  
qabadula okwehashe.



Xa umculo usezantsi  
bhabha okwebhabhathane.

Xa umculo ungxola, hamba  
okwendlovu.



Xa umculo ucotha, hamba  
okofudo.



Masithethe



Umvundla yimpuku.  
Amazinyo empuku  
awayeki ukukhula.

Unyaka omnye womtu ufana neminyaka  
esixhenxe (7) yenja. Xa inja ineminyaka  
emi-3 ubudala, ineminyaka engama-21  
yobudala bomntu.

Xa ikati yonwabile, yenza  
isandi esibonisa oko.



Masonwabe

Dlalani "Impuku nekati". Utitshala wakho uza kutsho ukuba ngubani na  
ikati nokuba ngubani impuku. Tshintshani iindima emva kwexesha. Abanye  
mabenze isangqa babambane ngezandla.





# Isimilo kune noxanduva



La mazwi abonisa isimilo. Isimilo yindlela esibaphatha ngayo abanyeabantu. Isimilo sethu sibonisa ukuba sibahlonela kangakanai na abanyeabantu.

Siyakuthanda ukuthetha nabantu abanembeko.  
Kumnandi ukuba ngumhlobo nomntu onembeko.

Sinoxanduva lokusoloko sibaphatha kakuhle abanyeabantu.  
Kungoko kufuneka umntu ngamnye abe nembeko.

Umhla: .....



Masithethethe


Jonga imifanekiso. Funda namagama asezibhokisini. Thetha nomhlobo wakho ngemifanekiso. Thetha nangemikhwa elungileyo nengalunganga eyenziwa ngaba bantwana.

Yabelana nabanye.



Enkosi  
ngokundimamela  
kakuhle ngolu hlobo.

Usilibele isonka sakho?  
Thatha esinye sam.




Molo Mem!



Yiba nobuntu.



Lindela elakho ithuba.



Uxolo Mama,  
bendifuna ukubuka  
ivazi yakho endala  
ndaze ndayiwisa  
yophuka!

Molo Maisy, ndichole le  
bhogi yakho phandle.  
Ndiyathemba akukho  
mntu uthathe iikhrayoni  
zakho.

Bamamele abanye  
abantu.



Thembeka.



Bahloniphe abanye abantu.

Bulisa abantu obaziyo nongabaziyo.

Zihlonlele izinto zabanye abantu.

Teacher:
Sign:
Date:



40

Ikota 3 – Iveki 4



Masibhale

# Isimilo kunye noxanduva

Jonga le mifanekiso uze ufunde izivakalisi ezisezibhokisini. Krwela umgca uye kuxanduva oluhambelana nomfanekiso ngamnye.



Ndiyancedisa ngokugcina indlu yasekhayo ibukeka kakuhle.



Ndingumhlobo olungileyo kwaye ndiyabanceda abanye.



Ndiyababonisaabantu basekhaya ukuba ndiyabathanda.

Ndidllala kakuhle ngezinto zokudlala zabahlolo bam.

Ndiyazikhathalela mna nezinto zam.

Ndincedisa umama ukudeka itafile.



### Masidlale

Yenza umdlalo-lingeniso omalunga nesimilo kunye noxanduva apho wenza enye yezi zinto:

- ubulisa abantu obaziyo nongabaziyo
- okanye ulinda kude kufike ithuba lakho
- okanye umamela ngononophelo komnye umntu
- okanye wabelana nomntu othile
- unobubele ebantwini
- uthembekile
- ubonisa ukuzihlonela izinto zabanye abantu
- ubonisa intlonipho kwabanye abantu.

Umhla: .....

Ngokwamaqela, yenzani umdlalo-lingeniso nibonise isimilo kunye noxanduva ngokubhekisele:

- ebantwini bakowenu
- okanye kumsebenzi wesikolo
- okanye kwimisebenzi yasekhaya
- okanye ekutyeni okufumana yonke imihla
- okanye kwiimpahla ozinxibayo
- okanye izinto zakho zokudlala
- okanye kubahlolo bakho



### Masenze

Zoba umfanekiso  
wakho ubonisa  
ubuhlolo kwabanye  
abantu.



### Masishukume

Mamela xa utitshala wakho ekuxelela ukuba xhuma, baleka okanye khasa.

Uya kuvuthela impempe phambi komylelo ngamnye omtsha.

Shukuma ngukukhawuleza okanye ngokucothisisa xa esitsho utitshala wakho.



### Masidlale

Dlala unochesi ngalo mlenze ungawusebenzisiyo.

Sesiphi isimilo esihle nesibalulekileyo xa udlala unochesi?




# Sizifunela ntoni izityalo



Ezinye izityalo nemithi zisinika umthunzi.

Jonga okukungqongileyo. Ziintoni ozibonayo ezivela kwizityalo? Thetha nomhlobo wakho nibone ukuba zingaphi eninokuzicinga ninbabini. Xelela utitshala ukuba zeziphi izityalo enizingileyo.



Ezinye izityalo zisinika incindi kanye nokutya.



Ezinye izityalo nemithi ziba ngamakhaya ezilwanyana.



Ezinye izityalo zisinika iintyantyambo zokuhombisa emakhayeni ethu.



Umhla: .....



Sifuna ingca kumabala  
okudlala ezemidlalo.



Sisebenzisa umqaphu  
ukwenza iimpahla.



Sisebenzisa iingcongolo  
ukwenza iibhasikiti nokufulela  
izindlu.



Senza ifenitshala ngamaplanga  
avela emithini.



Masithethe

Ukunye nomhlobo wakho, khetha ezona ndlela  
zibalulekileyo ezintathu esizisebenzisa ngazo izityalo.

Singazibulala izityalo xa sizisebenzisa kakhulu?

Xoxani ngalo mbuzo niyiklasi.





# Idlela ezikhangeleka ngayo izityalo

Masibhale

Ikota 3 – Ivetki 5

Izityalo zensiwe zanamalungu ahlukeneyo. Sebenzisa amagama asezibhokisini uphawule ezi zityalo. Thelekisa amagama akho nawomhlobo wakho.

iingcambu


isiqu somthi

igqabi

intyatyambo

umdumba wembewu

isiqu





### Mashukume

Yahlula iklasi ibe ziirhorho ezitya izityalo kunye nabasebenzi besitiya.

- Abasebenzi besitiya kufuneka bazame ukunqanda okanye ukubamba ezi rhorho.
- Tshintsha iindima emva kwemizuzu emibini.
- Phinda oku amaxesha aliqela.



### Masidiale

Dlalani undize.




Imibungu izimela ngaphantsi okanye emva kwezityalo aze umlimi ayifune ayifumane ingekazityi zonke izityalo.



### Masithetho

Iintlobo ezahluka-hlukileyo zezityalo zikhangleka ngathi zahluke kakhulu. Kodwa zikwafana ngeendlela ezininzi. Jonga le mifanekiso. Thetha nomhlobo wakho ngezityalo. Zifana ngantoni ziphinde zahluke ngantoni?



### Masenze

Zoba okanye peyinta  
isinambuzane okanye  
isilwanyana esifuna ukutya  
isityalo sakho sembotyi.  
Akunyanzelekanga ukuba ibe  
sisinambuzane sokwenyani.  
Khawube nombono. Zoba  
okanye peyinta wenze imigca  
neemilo ezicacileyo.



Teacher:
Sign:
Date:



# limbewu nalapho zivela khona



Masifunde

Ezinye izityalo zineembewu ezifihlwe kwiintyatyambo okanye kwiziqhamo. Singazityala ezi mbewu ukuze sibe nezityalo ezitsa. Limbewu ziyavuthuluka kwizityalo ziwele emhlabeni ukuze kukhule izityalo ezitsa. Ezinye iimbewu zisasazwa ngumoya okanye ngabantu, izinambuzane kunye nezinye izilwanyana. Ezinye iimbewu zityiwa ziintaka ze ezi ndawo zilukhuni zishiyeke kwilindle lazo. Limbewu ezisasazwa ngolu hlobo ziwa kwenye indawo ze zikhule apho.



Masithetho

Zisasazwa njani iimbewu ezikule mifanekiso? Kufuneka imbewu ibe njani ukuze isasazeka ngolu hlobo? Xoxa nomhlobo wakho.



Ukuba ufunu ukutyala ezakho  
izityalo ngokutyala imbewu,  
ungasebenzisa iimbewu zezityalo  
ezisegadini yakho. Okanye  
ungathenga imbewu evenkileni.






Masithethé

Funda lo mbongo nezi ntshukumo.

Umhla: .....

## Ubomi emva kwesityalo



Eli lisuntswana lembewu:

Masiyityale ngokukhawuleza emhlabeni!

Ikhula isiqu kunye nentyatyambo

Enevumba elimnandi kwindawo yonke.

Iinyosi zibhubhuzela kule ntyatyambo –

Ngokukhawuleza intyatyambo iyafa.

Nceda ungakhathazeki kwaye sukukhala



Masishukume

Bonisa uvuyo lwakho ngezi ntshukumo

Bamba iribhoni ende okanye ilaphu

elinemibala ngesi sandla uqhele

ukusisebenzisa. Ushukumisa ingalo yakho

njalo, yenza iipatheni ezahlukeneyo

emoyeni okanye phantsi ngelaphu

okanye ngeribhoni yakho.

Ukuba kukho umthi okhoyo, masibone

ukuba singawusebenzisa njani ukuze sidlale.

Jinga kwintambo ebotshelelw yaqiniswa.

Qala ngokusebenzisa izandla zozibini, uze

emva koko usebenzise esi sandla uqhele

ukusisebenzisa uze uphindé utshintshe

usebenzise esi singaqhelanga kusebenza.



Inqaku likatitshala:  
Sebenzisa intambo  
kunye neribhoni.

Teacher:  
Sign:  
Date:





# Okunfunwa zizityalo ukuze zikhule



Masithetho

Jonga lo mfanekiso. Ingaba iyaphila yonke into ekuwo?

Zeziphi izinto eziphilayo ozibonayo?  
 Zeziphi kwezi zinto ziphilayo ezizizityalo?  
 Ingaba izityalo ziakhula?  
 Ingaba izityalo ziyatya? Ukuba kunjalo, zitya ntoni?  
 Ingaba izityalo ziyasela?  
 Ukuba kunjalo, zisela ntoni?



Masibhale

Bhala ke ngoku igama ngalinye kula kwiibhokisi ezisemfanekisweni ongentla ubonise ukuba izityalo zifuna ntoni ukuze zikhule. Bonisa uititshala into oyibhalileyo.

ilanga

amanzi

izondlo

umoya



Masenze




Kulula ukuzilimela isityalo sakho.  
Uza kulima isityalo sembotyi.

Umhla: .....

Landela la manyathelo:


Inyathelo 1:

Beka iimbotyi ezi-3 phakathi  
kwemicu emibini yoboya.  
Zibeke kwisosara engenanto  
okanye esityeni.



amanzi

iimbotyi



isitya

uboya


Inyathelo 2:

Galela amanzi phezu  
koboya kwaye uqiniseke  
ukuba bumanzi toxo.



Inyathelo 3:

Beka isosara okanye  
isitya phezu kodonga  
lwefesitile okanye  
kwindawo enelanga  
elaneleyo.



Inyathelo 4:

Emva kweentsuku  
ezimbalwa, jonga  
ukuba isityalo sakho  
sikhula njani na.  
Sinkcenkceshele  
kanye ngeveki.

Usuku 1



Usuku 2



Usuku 3



Usuku 4



Inyathelo 5:

Xa isityalo sakho  
sikhule iingcambu,  
ungasilima emhlaben  
othambileyo.



Inyathelo 6:

Sinkcenkceshele rhoqo isityalo sakho  
ukuze umhlaba uhlale ufumile. Emva  
kweeveki ezimbalwa, iimbotyi zakho zakube  
zikulungele ukuvunwa.



# Ukutya esikutyayo

Masifunde

Ukutya okulungileyo kusenza sihambe okwemoto egalelwé ipetrolí. Kufuneka sítýe ukutya okunempilo ukuze sikwazi ukwenza izinto ekufuneka sizenzile nokuze sizenzisise.






Ukutya okunempilo kusinika amandla kwaye kuyasinceda sikhule.



Masibhale

Jonga le mifanekiso. Bhala igama lohlobo lokutya ngalunye ezantsi komfanekiso ochanekileyo.



Masibhale

Zeziphi izinto othanda ukuzitya? Kokuphi okona kutyá ungakuthandiyo? Kubhale phantsi kwesihloko esichanekileyo. Khetha kwimifanekiso engasentla.

Ukutya endikuthandayo

Ukutya endingakuthandiyo



Masifunde

Umhla: .....

Ukutya singakwahlula kube ngamaqela asi-7.

Kufuneka utye ukutya okungezantsi rhoqo. Ungakutya nokutya okungentla, kodwa hayi rhoqo.



Masithetho

Xoxani niyiklasi.

Kutheni le nto kufuneka sitye kancinci kwiqela lokutya elingasentla emfanekisweni ze sitye kakhulu kwelingasezantsi?

Teacher:	
Sign:	
Date:	



# Zivela phi iindidi zokutya?

**Masifunde** Abalimi okanye amafama alima izityalo aze afuye izilwanyana ezisinika ukutya. Oku kutya siyakupheka. Siyakwazi nokudibana iindidi ezahlukeneyo zokutya.




Isonka neesiriyeli zivela  
kwingqolowa.



Sifumana amaqanda  
ezinkukhwini.



Sifumana ubisi  
nenyama ezinkomeni.  
Iyogathi netshizi  
sizenza ngobisi.



Iziqhamo zikhula emithini  
nakwezinye izityalo.



Umgubo wombona siwenza  
ngombona.

Umhla: .....



Ubusi buvela ezinyosini.



Iswekile ivela kumazele eswekile.



Sifumana inyama kunye  
nesipeke ezhagwini.




Imifuno siyityala  
ezigadini zethu.



Masenze

Cula le ngoma  
kunye notitshala  
wakho.



Ama-apile, iigwava, iibhana.




Iimbotyi nee-ertyisi neetapile.

Zikhulisa imizimba yethu yomelele.

Ukuze ndilungele umsebenzi

Nditya ukutya okunempilo kuphela!

Kundigcina ndomelele.



# Ukutya okunempilo nokungenampilo

Masifunde

Ukutya esikuthandayo akusoloko kulungile. Maxa wambi sithanda ukutya okungasilungelanga.

Maxa wambi siye singathandi oku kutya kusilungeleyo kanye. Kodwa noxa kunjalo, nantoni na ebaxeleyo ayilunganga.

Ukutya okulungileyo okuninzi kakhulu akulunganga. Akukho mpilweni ukutya nantoni na ngokugqithisileyo.

Yitya uhluthe kodwa ungagqithisi.  
Sukutya ungayeki kuba into uyithanda.



Masenze

Sika imifanekiso yokutya okunempilo nokungenampilo kwimagazini uze ujincamathisele kwiitoti ezichanekileyo. Ukuba akufumanu mifanekiso, kuzobe oko kutya.



Ukutya okunempilo

Ukutya okungenampilo



Masibhale

Bhala eyakho imenu usebenzise ulwazi olufundileyo  
malunga nokutya.

Umhla: .....

Isidlo sakusasa

Isidlo sasemini

Isidlo sangokuhlwa



Masenze

Uza kwenza isaladi yeziqhamo.  
Landela le miyalelo ingezantsi

Uza kufuna oku:

- Iindidi ezahlukeneyo zeziqhamo
- Isitya esikhulu
- Imela necephe



Landela la manyathelo:



- Hlamba iziqhamo.
- Zichube ukuba oko kuyimfuneko (njengeorenji).
- Zinqunqe zibe ngamaqhekeza amancinci.  
(Cela umntu omdala akuncedise.)
- Dibanisa iziqhamo esityeni.
- Yitya isaladi uyonwabele.



# Ukugcina ukutya

Ikota 3 - I'veki 9

Masifunde

Jonga le mifanekiso.



IKHALENDA KA-2015

EYOMSINTSI

M	T	W	T	F	S	S
	1	2	3	4	5	6
7	8	9	10	11	12	13
14	15	16	17	18	19	20
	23	24	25	26	27	



Masithethe

Uqaphela ntoni ngale mihla?

Singakutya oku kutya?

Ucinga ukuba kwenzeke ntoni koku kutya?

MAYITHENGISWE  
NGOWE-12 JUNI 2015



Masifunde

Ukutya okutsha akuhlali kunjalo ixesha elide. Ezinye iziqhamo nemifuno zikhawuleza zibole. Inyama, intlanzi kunya nezinye iimveliso zobisi nazo ziyabola. Ngoko ke asikwazi ukuzitya. Singenza ntoni ukuze sigcine ukutya kukutsha ixesha elide? Indawo ekhuselekileyo yokugcina ukutya kusefrijini. Kodwa okunye ukutya kungonakala ukuba kukhenkcezwe okanye kugcinwe efrijini ithuba elide kakhulu. Zikhona ezinye iindlela zokugcina ukutya kukutsha.



## Masithethé

Jonga le mifanekiso.  
 Ncokola nomhlobo wakho  
 ngayo. Zeziphi iindlela  
 ezahlukeneyo zokugcina  
 ukutya? Ungazicinga ezinye  
 iindlela zokugcina ukutya  
 kungonakali?  
 Thetha nomhlobo wakho  
 ngazo.  
 Nika imizekelo eklasini.

Umhla: .....



## Masibhale

Jonga imifanekiso engezantsi uze ufunde amagama asezibhokisini. Wakugqiba  
 bhala igama phantsi komfanekiso ngamnye ohambelana nelo gama.

kutsha

kunkonkxiwe

komisiwe

kukhenkceziwe






49

# lindidi zezindlu (1)

Ikota L - Iyeki I




Masithethe

Ikhaya lakho kulapho uhlala khona.

abantu baseMzantsi

Afrika bahlala kumakhaya  
amaninzi ahlukeneyo.

Ungalifumana phi ikhaya  
ngalinye kula?




Umhla: .....



Masithethé

Jonga le mifanekiso ingezantsi. Thetha nomhlobo wakho ngezinto ezifanayo kumakhaya onke. Thethani ke ngoku ngezinto ezahlukileyo. Zeziphi ezininzi: zezifanayo okanye zezahlukileyo?




Iiflethi




Izindlu ezinemigangatho emibini



Iikharavani neentente



Amatyotyombe



Ooronta namaxande



Izindlu ezinomgangatho  
omnye



Masenze

Sebenza eqeleni. Yiza nebhokisi yezihlangu okanye olunye uhlobo lwebhokisi. Yipejinte njengekhaya. Sebenzisa udongwe (okanye intlama yokudlalisa) uzibumbe wena usenza into ethile ecaleni kwendlu.





50

# lindidi zezindlu (2)

Masenze

Cinga ngezindlu ezahlukeneyo okhe wazibona apho uhlala khona okanye kwiindawo okhe wazindwendwela. Zoba imifanekiso yeendidi ezimbini ezahlukeneyo zezindlu owakhe wazibona.

Ikota 4 - Ivetki I



Masithetho

Endlwini elungileyo, eyomeleleyo asinakugodola kakhulu singenakuva nobushushu obugqithisileyo. Asiyiva nemvula okanye umoya ovuthuzayo. Baninzi abantu abangenalo olu khuseleko. Thetha nomhlobo wakho ngendlela abazikhusela ngayo abantu xa bengahlali zindlwini.

Inqaku likatitshala:  
Utitshala wakho uya  
kumamela izimvo  
zakho.





## Mashukume

Umhla: .....

- Zolule ube mde kangangoko unako ukuze upeyinte uphahla lwendlu yasekhaya.
- Gaqa ngamadolo emhlabeni ukuze ulime izityalo esitiyeni sakho.
- Yolulela izandla zakho emacaleni kangangoko unako ukuze uvule iifestile zasekhaya. Emva koko vala zonke iifestile.
- Goba ukuze uncothule ukhula esitiyeni sakho.
- Tshayela umgangatho ngomtshayelo omde.
- Hlamba iifestile ngelaphu.



### Inqaku likatitshala:

Mamela isingqi esidlalwa ngutitshala kwigubu.  
Shukuma ngokwesinqi eso. Xa utitshala  
etshintsha isingqi, nawe tshintsha ukukhawuleza  
kweentshukumo zakho. Mamelisa kakuhle!



Teacher:
Sign:
Date:



# Izinto ezakhiwe ngazo izindlu ezahlukeneyo

Ikota 4 – Iweki 2



Sisebenzisa izinto ezahlukeneyo ukwakha izindlu.  
Jonga le mifanekiso ingezantsi.



izitena



iithayile



amazinki



isamente



ingca/iingcongolo



igilasi



iipali



amaplanga



amatye



iseyile



iplasitiki



udongwe/udaka



intsimbi



izikhumba



isanti



Thetha nomhlobo wakho ngezi zinto zokwakha zahlukeneyo.

Zeziphi ezivela efektri?

Zivela phi ezinye?

Xelela oogxa bakho ukuba zenziwe ngantoni izindlu odlula kuzo xa usiya esikolweni.



Masenze




Kudidi ngalunye Iwendlu krwela umgca oya kwinto eyenziwe ngayo.

Umhla: .....






Inqaku likatitshala:  
Utitshala wakho uza kuzithatha  
iincwadi zenu azijonge.



### Uhlobo Iwendlu



### Izinto zakwakha



Teacher: \_\_\_\_\_  
 Sign: \_\_\_\_\_  
 Date: \_\_\_\_\_

# Izindlu nemozulu

Ikota 4 - Iweki 2

Masifunde

Izindlu zigcina abantu bekhuselekile kwiimeko ezahlukeneyo zemozulu. Zingasikhusela kwimitha egqatsileyo yelanga. Kanti zingasikhusela nasengqeleni, emoyeni nasemvuleni.



Ubusazi na ukuba abantu abahlala kumazwe abandayo bakha izindlu ezizodwa ezifana nale ingasezantsi? La makhaya kufuneka abagcine befundumele xa kusiwa ikhephu.

Le yimephu yaseGreenland, ilizwe elibanda ngokugqithisileyo.

Le yindlu  
ekuthiwa  
yi-igloo



Abanye abantu abangama-Inyuwiti abahlala kwimimandla ye-Arctic enekhephu nomkhenkce omninzi bakha izindlu zabo zasebusika ngomkhenkce.

Umkhenkce uayithintela ingqele. Ezi zindlu zibizwa ngokuba zii-igloo.

**Masenze**

Ngokwamaqela, yenzani umdlalo nibonise ukuba ningayakha njani na indlu. Yenzani isigqibo malunga nohlobo lwendlu eniza kuyakha.

Niza kusebenzisa eziphi izinto zokwakha?

Ngubani oza kwenza ntoni?

Niza kuqala nenze ntoni?

Niza kugqibela ngantoni?

Sebenzisa amanye ala magama.

ityotyombe

ucango

izindlu zamandulo  
oorontaizindlu ezinomgangatho  
omnye okanye emibiniizindlu  
zamaplanga

izitena

udonga

ipeyinti

iiflethi

uphahla

itshimini

ifesitile

isamente

**Masifunde**

Yenza lo mbongo njengenxalenyé yomdlalo wakho:

Yakha, yakha indlu entsha kraca!

Yiza nezitena, linganisa udonga

Bethelela isikhonkwane, qinisa isikrufu –


Zikhusele elangeni.

Yakha, yakha indlu entsha kraca!

Yiza nesanti neengcango neethayili

Yiza namanzi, xuba isamente –

Zikhusele emvuleni.






# 53 Singazifumana phi? (1)

Ikota 4 - Iweki 3

Masifunde

Kukho iindidi ezahlukeneyo zeemephu. Ukuze sikhazi ukukhetha imephu elungileyo kufuneka sazi ukuba siyifunela ntoni na imephu leyo.

Iimephu zezitalato zisinceda ukuba sifumane izitalato kanye neendawo ezithile edolophini okanye esixekweni. Abalimi bathanda iimephu ezibonisa izinto ezinjengamadama, imilambo neenduli.





Masenze

Umhla: .....

Wena nomhlobo wakho xoxani ngale mibuzo. Yenzani isangqa sijikeleze iindawo ezisemfanekisweni kula maphepha mabini.

Uza kuzifumana phi iincwadi zokufunda?

Ungabuxela phi ubusela?

Ukuba uyagula ungaya phi?

Ungakuthenga phi ukutya?

Ungayilindela phi ibhasi?

Ungasinqumla phi ngokukhuselekileyo isitalato?

Inqaku likatitshala:

Utitsihala wakho uza kuzifunda  
nganye nganye, uze ufumane  
impendulo.



Teacher: \_\_\_\_\_  
Sign: \_\_\_\_\_  
Date: \_\_\_\_\_



54

# Singazifumana phi? (2)

Ikota 4 - Iweki 3



Masithethe

Jonga indlela ekule mephu ehanjwa ngu Jason xa esuka kowabo esiya esikolweni.

Chazela umhlobo wakho ukuba u Jason uhamba ngeyiphi indlela. Sebenzisa amanye ala magama.


ngasentla

dlula

ecaleni

ngaphezulu

ngezantsi



Inqaku likatitshala:

Utitshala wakho uza kujikeleza iklasi. Chazela utitshala wakho ukuba ucinga ukuba umhlobo wakho uyichaze kakuhle indlela.



## Masishukume

- Beka intambo ende emhlaben.
- Uza kuhamba kule ntambo.
- Hamba uye phambili, ubuye umva uye nasemacaleni unxuse intambo.
- Yiya phambili ecaleni kwentambo, izandla zakho zibe sentloko.
- Buya umva uhamba ecaleni kwentambo izandla zakho zibe ngasemva.
- Hamba ngamacala izandla zakho zibe sesinqeni.

Umhla: .....



## Masifunde

Wenze njani? Ukuba ukwazile ukuzenza zonke iintshukumo kakuhle, fakela umbala kobu buso buncumileyo. Ukuba akukwazanga ukuzenza zonke iintshukumo, fakela umbala kubuso obulusizi. Ukuba kukho intshukumo okwazileyo ukuzenza, fakela umbala kubuso obuphakathi.


Ndikwazile ukuya phambili nokubuya umva ecaleni kwentambo.			
Ndikwazile ukuhamba ngamacala ecaleni kwentambo.			
Ndikwazile ukuya phambili ecaleni kwentambo izandla zam zisentloko.			
Ndikwazile ukuhamba ngomva ecaleni kwentambo izandla zam zisemqolo.			
Ndikwazile ukuhamba ngamacala ecaleni kwentambo izandla zam zisesinqeni.			



# Ukufumana indlela

Masibhale

Iimephu zemifanekiso zisinceda sibone ukuba zikudelene kangakanani na iindawo. Jonga le mephu.



Masibhale

Phendula le mibuzo. Ungacela umhlobo wakho akuncede.

Yenza isangqa apho ubona khona igama elingu-**km**

Zingaphi izangqa onazo?

UDavid uhamba ngeenyawo ukusuka esikolweni ukuya elayibrari.

Ubona ntoni ecaleni kwelayibrari?

Zeziphi iimpawu azibonileyo endleleni?

Uhambe umgama ongakanani uDavid?

Sesiphi isakhiwo akwaziyo ukusibona xa ekumnyango wangaphambili waselayibrari?

UDavid ulambil. Ufuna ukugoduka. Funa eyona ndlela imfutshane ukusuka elayibrari ukuya kowabo.

Ingaba ibala lebhola ekhatywayo yeyona ndawo ikufuphi kowabo?

Inqaku likatitshala:  
Utitshala wakho iza kukuxelela  
ukuba ungakanani na umgama  
ongangekhilomitha usuka esikolweni  
sakho. Siwubhala ngolu  
hlobo: 1 km

Umhla: .....




Masenze

Zoba imephu yemifanekiso yendlela oyithathayo phakathi kweendawo ezimbini.

Khetha nokuba zeziphi iindawo ezimbini. Xa ugaqibile bonisa imephu yakho kumhlobo wakho aze achaze indlela leyo yakho.

Qinisekisa ukuba uyichaza kakuhle. Xelela utitsala wakho xa umhlobo wakho echaze ngendlela echanekileyo.



# 56 Ukufumana iziganeko ebalini

Ikota 4 - Ivetki 4



Masenze

Utitshala wenu uza kunifundela ibali elingo Micky. Mamela ngononophelo. Landela indlèla yakhe kwimephu esencwadini yenu.

Inqaku likatitshala:  
Utitshala wakho uza kulifunda kwakhona ibali aze akucele wenze unongxabalaza (X) kwezo ndawo.



NgeMiggibelo uMicky udlala nabahlobo bakhe epakeni (X).

Ekuseni ngenye imini umama wakhe uthe: Umakhulu uyagula. Unganceda umsele oku kutya?"

UMicky uthatha ingobozi enkulu enokutya. Utthe xa ephuma egeyithini (X) wagileka kwindoda ethile. Ngelizwi elirhabaxa yathi, "Heke, ndiyabona ukuba uphethe ukutya. Kokukamakhulu, anditsho?"

Yamoyikisa kakhulu uMicky le nto.

Wakhawuleza wahamba ngendlela eya ngakwiziko labamcimi-mlilo. Wajika ngasekhohlo (X). Wathi akubheka ngasemva wabona ukuba laa ndoda iyamlandela.

UMicky ugqibe kwelokuba aye kufuna uncedo kubahlolo bakhe abasepakeni. Uthi xa efika elayibrari ajike ngasekunene aze ahambe aye phambili (X). Ngasekhohlo ubona isikolo asidlule (X). Kuthe cwaka ezitalatweni. Nanko uMicky ehamba etsiba endleleni (X).

Ngelingeni wayibona ipaka. Nanko ehamba phezu kwebhulorho (X) ukuze adibane nabahlolo bakhe egeyithini. (X)



Masishukume

Ngoku siza kndlala umdlalo wokunikezelana.

- Bekani izitulo zenu zenze isangqa. Dlalani "izitulo zomculo" – kuza kufuneka ufuni eyona ndlela imfutshane eya esitulweni.



Teacher:	.....
Sign:	.....
Date:	.....

# Ukusetyenziswa kwamanzi ekhaya nasesikolweni




Masibhale

Sisebenzisa amanzi yonke imihla. Jonga iindlela ezahlukeneyo esiwasebenzisa ngazo amanzi. Ecaleni komfanekiso ngamnye, bhala ukuba asetyenziselwa ntoni na amanzi. Sebenzisa ezi zihloko.

Ukucima imililo



Ukunceda izityalo ukuze zikhule



Ukuhlamba iziqu zethu

Ukuhlamba iimpahla okanye izitya

Ukupheka ukutya



Umhla: .....




Masithethé

Thetha ngeendlela esiwasebenzisa  
ngazo amanzi. Amanzi axabisekile.  
Thetha ngendlela esiwamosha ngayo  
amanzi. Kungenzeka ntoni ukuba  
anokuphela amanzi angabikho?  
Xelela iklasi izimvo zakho.



Masishukume

Linganisa oku kulandelayo.



Itephu evulelwéyo  
amanzi agaleka  
esityeni.



Ilifu lemvla elikhula  
lide libe likhulu  
ligqabhuke ine imvula  
emva koko lithi shwaka.



Umlambo ohla ngokuotha  
phezu kwamatye amakhulu uze  
uqukuqelete kuhle phezu kwesanti.



Masidiale

- Dlala umdlalo othi "Iiemele namachaphaza amanzi".







58

Ikota 4 - Iweki 5

# Siwamosha njani amanzi?

Masibale

Jonga le mifanekiso. Yenza uphawu (✓) ecaleni komfanekiso obonisa ukulondolozwa kwamanzi, uze ufake (✗) ecaleni komfanekiso obonisa amanzi amoshwayo.







## Masithethe

Jonga imifanekiso ofake u (X) kuyo. Xoxani niyiklasi malunga nokwenziwa ngabantu abakuloo mifanekiso. Thetha ngendlela enobulumko abanokuwasebenzisa ngayo amanzi.



## Masibhale

Jonga imifanekiso. Funda izivakalisi ezingezantsi. Beka uphawu (✓) ecaleni kwesenzo ngasinye esincedisa ekulondolozeni amanzi, uze ubeke u-(X) kwisenzo ngasinye esimosha ngamanzi.



	✓ okanye ✗
Ndivulela itephu xa ndihlamba amazinyo am.	
Andiwachithi amanzi okuhlamba, kodwa ndiwasebenzisela ukuncenkceshela esitiyen'i.	
Ndihlamba ebhafini ezele ngamanzi rhoqo ebusuku.	
Xa ndibona itephu evuzayo ndiyayivala ndiyiqinise.	
Sihlamba izitya ngamanzi avulelwego.	









# Amanzi aselwayo akhuselekileyo nangakhuselekanga

Masibhale

Jonga le mifanekiso. Fakela uphawu lokukorekisha (✓) ecaleni komfanekiso ngamnye obonisa imisebenzi ekhuselekileyo. Fakela unongxabalaza (✗) ecaleni komfanekiso ngamnye obonisa imisebenzi engakhuselekanga.



Umhla: .....



Masibhale

Bhala igama elithi "kukhuselekile" okanye "akukhuselekanga" ugqibezele isivakalisi ngasinye. Sikwenzele esokuqala.

Ukusela amanzi amdaka akukhuselekanga.

Ukuqubha emanzini amdaka \_\_\_\_\_.

Ukusela amanzi abilisiweyo \_\_\_\_\_.

Ukusela amanzi avela emlanjeni onongcoliseko \_\_\_\_\_.

Ukusela amanzi acocekileyo etephu \_\_\_\_\_.



Masidlale



Dlala nabanye ababini.

- Qhwaba izandla qho amanzi echiphiza:
  - ephuma ngokucotha etephini
  - ephuma ngokukhawuleza etephini
  - ephuma ngokukhawuleza kakhulu etephini
  - onke ngexesha elinye.
- Dlalani nokuba ngowuphi na umdlalo wokuqhhaba izandla eniwaziyo.



Masishukume

- Tsiba okwesele liphuma emanzini angcolileyo.
- Tsiba okwesele lingena emanzini acocekileyo
- Qabadula okwehashe elinxaniweyo libaleka lisiya kusela amanzi.
- Baleka ngamendu amakhulu kangangoko unakho umke emvuleni.
- Tsiba usuke kwelinye ilitye uye kwelinye elingaphaya komlambo.  
Nceda abo bangakwaziyo ukuhamba.
- Jikeleza ndaweninye okwamanzi asebhafini (uwedwa uphinde unomhlobo wakho).
- Utitshala wakho uya kukuxelela xa kufuneka utshintshe wenze enye intshukumo.  
Mamela ngobunono imiyalelo yakhe.



# Masigcine amanzi ecocekile

**Masifunde**

Kufuneka sisele amanzi acocekileyo.

Sineendlela ezahlukeneyo zokucoca amanzi.

Kufuneka sigcine amanzi ngeendlela  
ezinokuwagcina ecocekile.




**Masithethi**

Jonga imifanekiso. Thetha nomhlobo wakho ngokuba avela phi amanzi ethu  
acocekileyo. Xeleta iklasi into oyicingayo. Xa sihlambulula amanzi, siyawacoca  
ukuze kukhuseleke ukuwasela.



Singawasela amanzi emvula ukuba uphahla  
lwendlu kune netanka zicocekile. Ukuba siyacoca  
singawasela ngokukhuselkileyo.



Umasipala uyawacoca aze awagcine ecocekile  
amanzi ukuze sikwazi ukuwasela.



Singawacoca ngokuwabilisa amanzi



Singawacoca ngokuwahlaza amanzi



Masenze

Cela utitshala wakho akubonise indlela yokwenza isihluzo samanzi.

Uza kufuna oku:

Ibhotile yeplasitikhi yeelitha ezi-2

Isanti ecocekileyo, ecolekileyo

Uhlalutye oluococekileyo

Amatye acocekileyo, amancinane/igrabile

Imela ebukhali

Uboya obucocekileyo



Masishukume

- Sebenzisa ibhola kunye nohulahuphu. Beka uhulahuphu phantsi abafundi bame ngomgca malunga née-5 m ukusuka kuye. Ungasebenzisa neringi yepali yebhola yomnyazi.
- Umfundi ngamnye ufumana ithuba lokuphosa ibhola eringini.



# Ukutshintsha kwemini ibe bubusuku

**Masifunde**

Imini nobusuku zahlukile.

Zikhangeleka zahlukile, siva izandi ezahlukileyo, kwaye senza izinto ezahlukileyo.

Emini sibona ilanga elikhanyayo. Ilanga linika ukukhanya nobushushu. Abantu abaninzi basebenza emini, nathi siya esikolweni.

**Masibhale**

Jonga imifanekso uze uthethe nomhlobo wakho ngayo. Ingaba yimifanekiso yasemini okanye yasebusuku? Yahluke njani? Bhala "Imini" okanye "Ubusuku" ngentla komfanekiso ngamnye.






## Masifunde

Liyatshona ilanga ebusuku.  
 Kuba mnyama kwaye siyakwazi  
 ukubona inyanga neenkwenkwezi.  
 Sisebenzisa izibane ukuze sibone  
 into esiyenzayo.

Umhla: .....



Ebusuku, kuyabanda  
 kunasemini.

Abaninzi bethu bayalala  
 ebusuku, kodwa bakhona  
 abanye abantu abasebenza  
 ebusuku. Kukho izilwanyana  
 eziphuma xa kumnyama  
 kuphela.



## Masishukume

- Sebenzisa ipali (okanye iibhakana ezinjengeekhowuni) kunye nebhola.
- Beka iipali (okanye iibhakana) zithi qelele kubafundi kangangeemitha ezimbalwa.
- Sebenzisa ibhola enkulu efana neyebhola ekhatywayo.
- Khabela ezipalini okanye phakathi kweebhakana.
- Qala ukhabe ngonyawo lwasekunene ulandele ngolwasekhohlo.
- Mangaphi amanqaku owafakileyo?



# Sinjani isibhakabhaka ebusuku?



Emini sibona isibhakabhaka esiluhlaza  
kunye namafu. Okubaluleke kakhulu,  
kukuba sibona ilanga.



Ebusuku sibona inyanga neenkwenkwezi  
ezininzi. Kukho neeplanethi ezikhangeleka  
okweenkwenkwezi.




Ngamanye amaxesha inyanga ibonakala  
esibhakabhakeni nasemini. Phofu asiyiboni  
kakuhle ngenxa yokuqaqamba kwelanga.  
Zama ukufumana inyanga emini.



Inyanga ayikhangeleki ngokufanayo ngobusuku ngabunye. Jonga inyanga ebusuku  
iintsuku ezi-5 ezilandelayo. Kwibhokisi ezingeantsi, zoba iimilo ozibonileyo  
ezahluka-hlukileyo zenyanga.

Ubusuku bokuqala	Ubusuku besithathu	Ubusuku besihlanu




Ezi zinto lilanga kanye neoplanethi ezikwisi xokelelwano selanga – zingabame lwane bethu.  
(Ilanga kanye neoplanethi azizotywanga ngokwemilinganiselo.)



Masithethe

Lo ngumfanekiso weSatheni.  
Yona yahlukile kuzo zonke  
ioplanethi kuba inezangqa  
ezijijikelezileyo. Uyawabona  
amachokoza amhlophe  
emfanekisweni? Ucinga ukuba  
ziintoni?

Jonga umfanekiso omkhulu  
ongasentla. Ngaba iSatheni inkulwana okanye incinanana kunoMhlaba?  
Yeyiphi iplaneti enkulu ngaphezu kweSatheni?




# Ilanga nenyanga

Masithethé

Jonga le mifanekiso.

Ikota 4 - Iyeki 8



Thetha nomhlobo wakho. Isibonisa ntonile mifanekiso? Nika nokuba yeyiphi impendulo efika kuqala engqondweni.



Masifunde

Inqaku likatitshala:  
Utitshala wakho uza kuzimamela  
zonke izimvo zakho aze akuxelele  
ukuba yeyantoni imifanekiso.



Ilanga yinkwenkwezi. Lifana nebhola yomlilo enkulu ethumela ubushushu bayo nokukhanya kuwo onke amacala. Ilanga likhulu ngokuphinda-phindwe ngamawaka kunehlabathi.

Inyanga yibhola enkulu yeliwa nothuli engakhuphi bushushu.

Inyanga ayinakukhanya kukokwayo. Ifana nesipili esibonisa thina imitha yelanga. Inyanga incinane kakhulu kunehlabathi.



Masithethé

Thetha nomhlobo wakho malunga nendlela etshintshe ngayo inyanga kubusuku beentsku ezintlanu. Emva koko jonga le mifanekiso. Ingaba inyanga yakho ibifana nenyangye yez?



Inyanga epheleleyo



Isiqingatha senyanga



Inyanga eliceba

# linkwenkwezi



Masifunde



Ilanga yeyona nkwenkwezi ikufutshane kuthi. Ezinye iinkwenkwezi zikude kakhulu kuthi. Nokuba ubunokuhamba ngokukhawuleza kangangoko unako usiya nakweyiphi kwezi nkwenkwezi, kungakuthatha iminyaka emininzi kakhulu ukufika apho zikhoyo.



Masithethethe

Balekani nonke  
Nants' inkwenkwez' enomsila  
Balekani nonke  
Nants' inkwenkwez' enomsila  
Ikude kangakanani phezu komhlaba  
Injengedayimani esibhakabhakeni  
Menye-menye, menye-menye inkwenkwez' enomsila  
Menye-menye, menye-menye inkwenkwez' enomsila  
Owu nas' isimang' esabonwa yinkwenkwezi  
Owu nas' isimang' esabonwa yinkwenkwezi



Masifunde

Le ngoma yabhalwa kudala kwiminyaka emininzi eyadllulayo.  
abantu ngoko babengazi nto malunga neenkwenkwezi.

Namhlanje kuninzi esikwaziyo. Oosomajukujuku baya  
emajukujukwini ngeziphekepheke ezizodwa ukuze bafunde  
ngakumbi ngeenkwenkwezi. Xa oosomajukujuku betyelela  
emajukujukwini, banxiba iisuti zohlobo olulodwa zasemajukujukwini.

Ngenxa yoosomajukujuku abakhali phileyo nabantu abangqondo zikrelekrele  
abahamba baye emajukujukwini, zininzi izinto esizifunde ngeenkwenkwezi.



Masithethethe

Ingaba kulungile ukuba sifunde kakhulu ngeenkwenkwezi? Thetha nomhlobo wakho ngalo mbuzo.




Teacher:
Sign:
Date:

# Ukhethekile.

## Umzimba wakho wonke ungokhethekileyo.

### Nguwe kuperha onelungelo emzimbeni wakho!



**AKUKHO**  
namnye umntu  
onelungelo  
lokuphatha  
amalungu akho  
angasese.

**Kufuneka uxelele umntu ukuba kuye kwakho  
umntu okubamba amalungu akho angasese.**

**Kufuneka uxelele umntu ukuba kukho nabani na  
okwenzisa izinto ongathandiyo ukuzenza.**

**Tsalela kule minxeba xa ufunu uncedo:**


**Umnxeba olungiselelwe ukunceda  
abantwana: 0800 05 55 55**

**Umnxeba wokulwa nolwaphulo  
mthetho wamapolisa  
aseMzantsi Afrika: 086 00 10111**

**Umnxeba wongxamiseko wamapolisa  
aseMzantsi Afrika: 10111**

**Umnxeba woncedo: 0861 322 322**

**Iqela elikhusele abantwana: 012 393 2359/2362/2363**



**Make a placemat**  
Cut out the pictures you like and  
paste them on to the opposite page to  
make yourself a two-sided placemat.  
Cover or laminate the placemat with  
plastic and use it when you eat.





